


Amagqabantshintshi

Imigangatho yokuhlola ekwiNational Curriculum Statement (NCS) ibonisa ubuncinane bamazinga okusebenza abanokuthi abafundi bawabonakalise ekupheleni kwebanga ngalinye kwisigaba sesifundo ngasinye (Learning Area). Okuboniswa kukufundiswa kwemihla ngemihla kukuba otitshala bafumana kunzima ukulinganisa inkqubela phambili yabafundi esebenzisa le migangatho kwithuba elifutshane. Isebe lezemfundo likaZwelonke, njengxenye yeMigaqo yolwimi kaZwelonke liqulunqe imigomo emayifunyanwe ngumfundi kwiilwimi ukuzama ukunika iziboniso (indicators) zamazinga okusebenza alindeleke kubafundi kunyaka ngamnye. Isebe elijongene neenkqubo zokufundiswa kweKharityhulam kwibakala lezemfundo jikelele noqeqesho kwiMpuma Koloni lidibene neqela labasebenzi beKharityhulam abakwisiphaluka kunye notitshala abafundisa kumabanga asezantsi bakhe nzulu le migomo emayifunyanwe ngabafundi. Le ntsebenziswano ikhokelele kwinzuzo yomqulu waleMigomo eMayifunyanwe ngabafundi. Lo mqulu ujolise ekuncedeni otitshala ukuba bakwazi ukuqoqa amazinga okusebenza alindelekileyo ekupheleni kweKota kumabanga awohlukeneyo. Lo ngumsebenzi oqhubekekayo oyakusulungwa ngokuhamba kwexesha xa otitshala benike ingxelo ngempumelelo yalo mqulu. Sikhuthaza otitshala ukuba bawusebenzise lo mqulu kangangoko ngalo lonke ixesha kwimisebenzi yovavanyo. Simema bonke abantu, siquka notitshala abakhulu namalungu abaphathi besikolo (SMTs) bangenise iingcebiso nemizekelo enokuthi yomeleze lo mqulu. Siyathemba ukuba imizamo yethu sisonke iyakusinika umkhomba-ndlela omhle nonyanisekileyo nosebenzisekayo, oyakunceda otitshala basebenze behlola. Otitshala abakhulu balawule uhlobo lwemisebenzi yabafundi ngokufanelekileyo nangengqiniseko enkulu.



Dr F Peters

Director: Curriculum ECD & GET Programmes

For inputs into this document please contact:

Mrs NP Manxiwa Tel. no: 040 608 4666

Isiqulathiso

Amagqabantshintshi / Intshayelo	i
Isiqulathiso	ii
Imvelaphi	iii - vii
Abaqulungi	viii
Izinga Lempumelelo Lomfundi	1 - 15
Inkqubo Yohlolo	16
Umzekelo Wohlolo	17 - 18
Isishwankathelo Sohlolo	19 - 20
Izandi Emazifundwe	21

Umgaqo / Indlela yokuphucula imfundo yomntwana / yomfundi

1. Imvelaphi

Izinga eliphezulu lolwimi nezibalo zizakhono ezingundoqo ezifunekayo kwindawo esihlala kuzo. Ukufunda nokubhala zizakhono ezingundoqo ekuphuhliseni ezi zakhono, nasekufikeleleni kulwazi olukwiKharityhulam, olujolise ekuphakamiseni izinga lolwazi nezakhono. Le ndlela inenjongo ebanzi eyakuthi emva kwexesha elide abemi boMzantsi Afrika baxhamle izinga lokwazi ulwimi oluya kubanceda bathathe inxaxheba ngokupheleleyo kwizinto zonke zobomi ezibachaphazelayo, kuquka umsebenzi, usapho nababhali ngokupheleleyo.

Ezezimali nezempilo zelizwe lethu zixhomekeke ekwakhiweni kwesizwe esifundileyo esikwaziyo ukufunda ngokuphangaleleyo ngeenjongo zokwenza nangolonwabo. Le nto ithetha ukuba kufuneka senze ulutsha lwangoku lwazi ulonwabo nokubaluleka kokukwazi ukufunda nokuqinisekisa ukuba baya kuba nezinga lezakhono zokufunda oluyimfuneko kule mihla siphila kuyo.

UMgaqo woLwimi weSizwe waphuhliswa ngenjongo yokulwa iziphumo ezibi ezafunyanwa kuvavanyo lwabafundi bebanga lesi-3 nelesi-6 kuvavanyo lweSebe lezeMfundo nokongezelela/ kwandisa usetyenziso lwezixhobo ezifumanekayo zolwimi.

Umgaqo ujolise ekubekeni ulwimi esazulwini socwangciso lweKharityhulam ukuze umxholo ovela kwezinye iinkalo ube unokunceda ukunika umdla wokuthetha, wokumamela, nokufunda nokubhala. Ngokulinganayo/ ngokufanayo izakhono ezifunekayo kwizifundo zokufunda nokubhala mazisetyenziswe nakwezinye izifundo zemini.

Ngaphezulu lo mgaqo uphakamisa ugxininiso lokufundwa nokuphuhliswa, nonyuselo lelwimi zonke ukusukela kwibanga R ukuya kwelesi-6. Injengokuba ibekiwe kuMthetho wofundiso loLwimi (Language in Education Policy, LIEP).

Izinto ezibalulekileyo zoMgaqo woLwimi lweSizwe ezi zezi:

- Ixesha elimisiweyo elijolise kulwimi
- Ixesha elimiswe bucala lokufundela ulonwabo nolwazi elibizwa ngokuba ngu “Lahla konke ufunde” (YEKA)

Ngenxa yale mbono yeSizwe, uMgaqo wokuphucula imfundo yomfundi wasekwa. Lo ngumzamo wokunceda otitshala ekulweni imingeni eboniswe ziziphumo zoVavanyo lweSebe, zeprojekthi yophando yoVavanyo lweSebe olwalwenziwe ngomnyaka wama-2003. Ezi ziphumo ziyiveze ngokucacileyo imingeni abajongene nayo otitshala nabafundi ekubaleni nasekufundeni izakhono zolwimi. Ibuya inyuse iqondo lenxalabo efumaneka ezikolweni ngezinga elisezantsi lolwimi.

2. Injongo yeMigomo eMayifunyanwe nguMfundi.

Iziphumo zophando olalwenziwe liSebe lezeMfundo yeSizwe nePhondo, neJoint Education Trust (JET), Human Research Council (HRC), Higher Education Institutions (HEIs) and Non-Governmental Organisations (NGOs) zingqina ukuba ububi bolwimi, ukungakwazi ukubhala nokufunda kungabangela izinto ezininzi. Uphuhliso lweMigomo eMayifunyanwe nguMfundi (LAT) ngumzamo wokulungisa indlela yokhwelo oluyimfuneko olukwincwadi yovavanyo (Assessment Protocol) kaFebruary 2007. Indlela efanayo yale nkqubo ilindelekile kumagumbi okufundela asezantsi, kwiPhondo lilonke jikelele. Kuya kubonakala oku xa imisetyenzana yovavanyo icaciswe ngokupheleleyo nangempumelelo. Imizekelo yeMigomo eMayifunyanwe nguMfundi nezixhobo zokuvavanya zibe kulo mqulu ukunceda otitshala.

3. Inkqubo yePhondo.

Inkqubo yophuhliso yaqalwa ngokukhetha iqela loMsebenzi woLwimi lwePhondo. Iilwimi ezine zePhondo zaba nabameli kweli qela. Iqela loLwimi ngalunye labona kubalulekile ukusebenzisana notitshala bala mabanga ukuqulunqa lo Mgomo. Le nkqubo ifune ukuzibophelela nokuzimisela kwaba titshala kuLwimi ngalunye. Ngomhla we-19 Janyuwari 2008 umqulu wokugqibela waboniswa waxoxwa, uhlalutywa leli qela likhethiweyo. Emva koko wasiwa kulungiso, kubhalo, kupapasho nolwabiwo. Ulwabiwo lokuqala lulungiselelwe uMatshi 2008. Izikolo zonke zePhondo ziyaku wuvavanya ziyilungiselele upapasho lonyaka wama-2009.

4. Indlela yokusebenzisa esi sikhokelo.

Iimfuno zeProtocol ka Februwari 2007 zibeka phantsi imisebenzi yovavanyo yolwimi ngekota nganye.

Qaphela oku kulandelayo:

- kulwimi lweNkobe kukho imisebenzi yovavanyo emi-4 ngekota
- kulwimi olongezelwelweyo lokuqala kukho imisebenzi yovavanyo emi-2 ngekota

Lo mqulu unezi zinto zilandelayo:

- Umqulu weMigomo eMayifunyanwe nguMfundi (LAT)
- Annexure 1-Iphepha lesishwankathelo
- Annexure 2- Umzekelo womsebenzi wokuhlola novavanyo
- Annexure 3- Umzekelo wezixhobo zokuhlola
- Annexure 4- Uluhlu lokuhlola (Programme)

4.1 Umqulu weMigomo emMayifunyanwe nguMfundi.

- Umqulu wokuqala ubonisa iziphumo zezifundo nemigangatho yokuhlola esetyenziselwe uhlobo olunyanzekileyo nolunganyanzelekanga (formal/informal)
- Qaphela ukuba imigangatho yokuhlola ayilandelelaniswanga ngendlela efanayo kuyo yonke imiqulu yoLwimi lwenkobe
- Imigangatho yokuhlola ekulo mqulu ibalwe ngendlela elandelelana ngayo kumqulu woLwimi lwesiNgesi
- Kukho iikota ezi-4 eziboniswe kwiphepha ngalinye ngendlela yemihlathi (columns)
- Phantsi kwekota nganye kukho iindawo ezinombala nezingenawo
- Iindawo ezinombala zibonakalisa imisebenzi yoHlobo olunyanzelekileyo (Formal Assessment Tasks (FATs) zibonakalisa emakufunyanwe ngekota
- Ezingenamibala zibonakalisa imisebenzi yoHlobo olunganyanzelekanga

Annexure 1: Iphepha lesishwankathelo.

- Lo mqulu usinika umbono weendlela ezisetyenziswayo zemisebenzi yohlolo olunyanzelekileyo opheleleyo ngekota nganye
- Ibonisa ngetheyibhile iziphumo zesifundo nemigangatho yokuhlola, imisebenzi yohlolo olunyanzelekileyo, nemisetyenzana, neendlela zokuhlola nezixhobo zokuhlola

Annexure 2: Umzekelo womsebenzi wohlolo

- Lo mqulu ngumzekelo womsebenzi wohlolo
- Otitshala balindeleke ukuba baphuhlise eminye imisebenzi yohlolo njengoko ifunwa yiProtocol

Annexure 3: Umzekelo wezixhobo zokuhlola

- Izixhobo zokuhlola zinxulumene nomzekelo oxelwe kwi-annexure 1 engentla

- Otitshala balindeleke ukuba baphuhlise ezabo izixhobo zokuhlola zemisebenzi yonke

Annexure 4: Inkqubo yohlolo

- Lo mqulu unika inkqubo yohlolo olunyanzelekileyo ngokwebanga ngonyaka
- Yahlulwe ngokweekota yaza yacalula imisebenzi yohlolo olunyanzelekileyo emi-4
- Le nkqubo yohlolo iyinxalenye yocwangciso lokuHlola leSikolo

5. Okuxokonyeziweyo

5.1 Uludwe lwezandi

EzesiXhosa

IsiNgesi

IsiBhulu

ISeSotho

5.2 Amagama abizwa rhoqo

AwesiXhosa

IsiNgesi

IsiBhulu

ISeSotho

5.3 Ukhetho lwemihlathi kumabanga asezantsi

Qiqqa oku:

- Ulwakhiwo lonobumba
- Uxinaniso lwemihlathi (ulingano phakathi komhlathi nemifanekiso)
- Ubukhulu nobuncinane bombhalo
- Izithuba phakathi kwamagama
- Inani lamagama kwiphepha ngalinye
- Ungqamaniso neminyaka / izinga lezakhono /izinga lokuqonda
- Ulwandiso/utyebiso lwezakhono, nokuvula ubume beendawo
- Iindidi zemihlathi:

iincwadi, iipowusta, magazine, izimemo, iitshati, imihlathana yephepha-ndaba, imibongo nemiyalelo njalo-njalo

Umsalane obonakalayo womhlathi (umbala, imifanekiso)

ABAQULUNQI

Provincial task team :

Dr T Reddy	CES : ECD/FP	Head Office
Ms W Pretorius	DCES : ECD/FP	Head Office
Ms N.P. Manxiwa	DCES : ECD/FP	Head Office

District Office Task Team:

Ms P.R.N Lefume	DCES : ECD/FP	East London
Ms L.E. Matthews	DCES : ECD/FP	Grahamstown
Ms N.I Mkruqulwa	SES : ECD/FP	Dutywa
Ms N Xashimba	SES : ECD/FP	Queenstown
Ms N.Y. Tyamzashe	SES : ECD/FP	Butterworth
Ms MN Tyatyeka	DCES : ECD/FP	Lady Frere
Ms X Mjele	SES: ECD / FP	King Williamstown

Educators

Ms N.F Mbande	Nozizwe Jun Primary	King Williamstown
Ms N.Y. Saba	Ezikweni Jun Primary	King Williamstown
Ms S.V. Lutuli	Nontuthuzelo Primary	East London
Mr B Tsitsa	Mzamomhle Primary	Butterworth
Ms B Noqha	Mahliwane	Butterworth
Ms V Tyabula	Zidlekhaya	Butterworth
Ms N Mjo	Zabalaza Primary	King Williamstown
Ms S. N Mndi	Emmet Mahonga Primary	Queenstown

1. THANKS

A word of thanks to the following Principals of participating schools:

Ms L.A. Matshoba	Ezikweni J.P	King Williamstown
Ms M.D. Madaka	Nontuthuzelo Prim.	East London
Ms N.F.Ningiza	Mzamomhle J.S.S.	Butterworth
Ms Z.A. Twalo	Esezizwe Jun Primary	Queenstown
Ms G.Z Kwepile	Emmet Mahonga Primary	Queenstown

ATTAINMENT TARGETS

Grade 3

LO 1: UKUMAMELA	TERM 1	TERM 2	TERM 3	TERM 4
AS 1: Mamela ngenyameko ixesha elide (ukuphula-phula ixesha elide) ukuphendula kulandelelwano oluntsokothileyo lwemiyalelo efanele umgangatho wakhe	Banikwa imiyalelo yezivakalisi ezibini FAT 1	Banikwa imiyalelo yezivakalisi ezithathu	Banikwa imiyalelo yezivakalisi ezine	Banikwa imiyalelo yezivakalisi ezihlanu
AS 2: Bonisa ubuchule bokumamela ngokuthi amamele ngaphandle kokuphazamisa, ebonisa imbeko kwisithethi, aze anike abanye amathuba okuthetha, ebuza imibuzo ecela ingcaciso okanye eshwankathela okanye ephawula kwinto eviweyo xa kufanelekile	Bamamela iindaba namabali behleli phantsi emethini	Bamamela iindaba namabali behleli phantsi emethini	Bamamela iindaba namabali bebuza imibuzo, bephawula baze bashwankathele abakuvileyo	Bamamela iindaba namabali bebuza imibuzo, bephawula baze bashwankathele abakuvileyo
AS 3: Nakana nokubonisa intlonipho yeentlobo zolwimi ezahlukeneyo	Bamamela indlela ezibonisa imbeko umz: iindlela zokubulisa ngelwimi ezohlukeneyo	Ukubala ngeelwimi ezohlukeneyo	Amabali avela kwiinkcubeko ezohlukeneyo	Imibhiyozo yeenkcubeko ezohlukeneyo
AS 4: Mamela ngolonwabo amabali amafutshane, imibongo, iingoma nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo-				

o Kumamela isihloko okanye ingcinga engundoqo	Bajonga umlinganiswa ophambili baze baqikelele isiphelo	Bajonga umlinganiswa ophambili baze baqikelele isiphelo	Bajonga umlinganiswa ophambili baze baqikelele isiphelo	Bajonga umlinganiswa ophambili baze baqikelele isiphelo	Bajonga umlinganiswa ophambili baze baqikelele isiphelo
o Kumamela iinkcukacha	Banika iinkcukacha zebali kwindawo ethile	Banika iinkcukacha zebali kwindawo ethile	Banika iinkcukacha zebali kwindawo ethile	Banika iinkcukacha zebali kwindawo ethile	Banika iinkcukacha zebali lilonke
o Kuqikelela okunokwenzeka					
o Kwazisa ukulandelelana kweziganeko/iingcinga kwisicatshulwa					
o Kuphendula imibuzo malunga nesicatshulwa somlomo	Baphendula imibuzo emithathu	Baphendula imibuzo emithathu ukuya kwemihlanu	Baphendula imibuzo emithathu ukuya kwemihlanu	Baphendula imibuzo emihlanu ukuya kwesixhenxe	Baphendula imibuzo esixhenxe ukuya kwelishumi
o Kuvakalisa uvakalelo malunga nesicatshulwa somlomo ngokunika izezathu					
o Kusebenza intsusa neziphumo kwisicatshulwa somlomo/imiyalezo					
o Kuzoba imifanekiso ukucacisa ingqiqo yebali/isicatshulwa somlomo, abhale amabali/izicatshulwa ngamazwi ache	FAT 3	FAT 3	FAT 3	FAT 3	FAT 1,3
AS 5: Mamele onwabele oqashi-qashi/ amaqhina neziqhulo ngokuphendula ngokufanelekileyo					

<p>AS 6: Mamela kwisithethi abangasiboniyo (umz: unomathotholo, isithungelwano sokuthetha) nokuphendula imibuzo nemiyalelo</p>	<p>Baphendula imibuzo kwimfonofono FAT 3</p>	<p>Benza imiyalelo abayiva kunomathotholo FAT 3</p>	<p>Baphendula imibuzo yonxibelelwano benze nemiyalelo</p>	<p>Omnye um phambi kweklasi alinganise abanye bajonge ze bachaze ukuba wenza ntoni okanye uthini umyalelo FAT 3</p>
--	--	---	---	---

LO 2: UKUTHETHA	TERM 1	TERM 2	TERM 3	TERM 4
AS 1: Balisa ngamava akhe neziganeko ezitsha jikelele nokuvakalisa izimvo neengcamango malunga nazo	Babalisa ngamava abo jikelele	Babalisa ngamava abo neziganeko jikelele	Babalisa ngeziganeko ezitsha bavakalise iingcamango ngazo	Babalisa ngeziganeko ezitsha bavakalise iingcamango ngazo
AS 2: Sebenzisa ulwazi lwentekelelo ukuzonwabisa neengcinga ezimnandi (ukubalisa iziqhulo, ukudlala imidlalo yamagama, amaqhina, ukuyila imihobe, nokuthetha ngeelwimi ezininzi ngaxeshanye)	Babalisa bedlala imidlalo yamagama, amaqhina nji.njl	Babalisa bedlala imidlalo yamagama, amaqhina nji.njl	Bayila imihobe befunda nokuthetha iilwimi ezininzi	Bayila imihobe befunda nokuthetha iilwimi ezininzi
AS 3: Sebenzisa iimbonakalo ezahlukeneyo nezijekulo xa ebalisa ibali	Babalisa amabali	Babalisa amabali	Babalisa amabali	Babalisa amabali
AS 4: Yila nokubalisa amabali anesiqalo, isiqu nesiphelo esebenzisa ulwimi oluchazayo nokuphepha uphinda-phindo enempawu zesakhiwo sebali nesimo sabalinganiswa	Babalisa amabali	Babalisa amabali beqaphela isiqalo nesiphelo	Babalisa amabali anesiqalo, isiqu nesiphelo	Babalisa amabali anesiqalo, isiqu nesiphelo beqwalasela isakhiwo sebali nesimo sabalinganiswa
AS 5: Thatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi neyeqela ngo-				
<ul style="list-style-type: none"> o Kuqalisa isihloko kwingxoxo yeqela o Kunikana amathuba, nokubuza imibuzo esemxholweni 	Bathatha inxaxheba	Bathatha inxaxheba	Bathatha inxaxheba kwingxoxo yeqela	Bathatha inxaxheba

<ul style="list-style-type: none"> ○ Kucebisa okanye andisa iingcinga ○ Kubonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye ○ Kushwankathela umsebenzi weqela 	kwingxoxo yeqela bekhokelwa ngutishala	kwingxoxo yeqela bekhokelwa ngutishala	benika isihloko	kwingxoxo yeqela benika isihloko
AS 6: Ba nodliwano-ndlebe nabantu ngenjongo ethile			Bashwankathela umsebenzi weqela ngokufanelekileyo	Bashwankathela umsebenzi weqela ngokufanelekileyo
AS 7: Azisa ngomlomo (kwizihloko ezimikiweyo, udlwano-ndlebe olwenziweyo, ukunika ingxelo yophando lwangaphandle) <ul style="list-style-type: none"> ● Ngenkxaso nokukhokelwa ngutitshala kwenziwa izikhokelo zokwazisa okutlungeleyo ● Kuchaza ukuba baza kwazisa ntoni, njani ● Kusebenzisa izixhobo ezibonwayo ukuncedisa ukwazisa ngomlomo ● Kusebenzisa iindlela ezisisiseko ukuzibandakanya njengabaphula-phuli (ukufumana ukugqalisela kwabaphula-phuli, ukujonga emehlweni) 				
AS 8: Zibandakanya kwincoko njengobuchule bentlalo				

LO 3: UKUFUNDA NOKUBUKELA	TERM 1	TERM 2	TERM 3	TERM 4
<p>AS 1: Sebenzisa izikhokelo ezibonwayo ukuphuhlisa intsingiselo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kufunda izicatshulwa zegrafu ezifana nemifanekiso, iifoto, iimaphu, iitshati njl-njl ngo: <ul style="list-style-type: none"> ➤ Kucacisa ngomlomo okanye ubhale ukuba zingantoni ➤ Kucacisa injongo yomfanekiso ➤ Kusebenzisa ulwazi ngendlela efanelekileyo umz: umkhondo wemephu ➤ Kuhlalutya umfanekiso ngokuphathelele kwisakhwio nokusebenza kwawo ○ Kufunda imiyalelo ephathelele kwizidingo neminqweno yabo ebomini ○ Kufunda izicatshulwa ezininzi ezahlukeneyo ezinokuntsokotha ezifana neencwadi zeentsomi nezibalisa ngenyaniso, izalathiso neziqulatho 	<p>√</p> <p>√</p>	<p>Bafunda izicatshulwa ezihamba nemifanekiso baze bazitolike</p> <p>√</p>	<p>Bahlalutya imifanekiso ngokunxulumene nesicatshulwa abasifundileyo</p> <p>√</p>	<p>Basebenzisa iifoto, iimaphu neetshati ukutolika intsingiselo yesicatshulwa</p> <p>√</p>
<p>AS 3: Funda izicatshulwa bodwa kuze kusetyenziswe iindlela ezahlukeneyo ukunika intsingiselo yezicatshulwa ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Kubiza amagama ngobuciko xa efunda ngokuvakalayo ● Kufunda ngokuvakalayo kwaye esebenzisa imbonakalo, ucinezelo olufanelekileyo, nokunqumama, imvakalozwi ● Kusebenzisa ubuchule bonakano lwamagama nobengqiqo ukufunda izicatshulwa ezingaqhelekanga ● Kusebenzisa iindlela ezizenzekelayo zokuzikorekisha njengokuphind ufunde, nqumama, ziqhelise amagama phambi kokuba awabize 	<p>√</p>	<p>Bafunda izicatshulwa bodwa besebenzisa ucinezelo olufanelekileyo, ukunqumama, imvakalozwi, ukuzilungisa baziqhelise amagama phambi</p>	<p>Bafunda izicatshulwa bodwa besebenzisa ucinezelo olufanelekileyo, ukunqumama, imvakalozwi, ukuzilungisa baziqhelise amagama phambi kokuba bawabize</p>	<p>Bafunda izicatshulwa bodwa besebenzisa ucinezelo olufanelekileyo, ukunqumama, imvakalozwi, ukuzilungisa baziqhelise amagama phambi</p>

	kokuba bawabize FAT	kokuba bawabize FAT	kokuba bawabize FAT	kokuba bawabize FAT
AS 4: Zinzisa ulwazi lwezandi ngo- <ul style="list-style-type: none"> Kunakana ukuba izikhamiso zingalandelelana kwamanye amagama umz: iinkomo Kunakana ukuba isandi esinye singanamaqabane amabini “ph”, “sh” Kunakana amaqabane amabini namathathu axutyiweyo “mnt”, “tsh” Kunakana iqela lamagama abonwa njalo 	Baketha amagama anesandi esinye esenziwa ngamaqabane amabini, umz. iqanda, ukhuko, inkukhu, umntu FAT	Bahlula iimeko apho izikhamiso zingalandelelana khona Umz: kwisininzi, iinkomo, oonopopi FAT	Bahlula iimeko apho izikhamiso zingalandelelana khona Umz: kwisininzi, iinkomo, oonopopi FAT	Bahlula iimeko apho izikhamiso zingalandelelana khona Umz: kwisininzi, iinkomo, oonopopi FAT
AS 5: Fundela ulwazi nolonwabo ngo- <ul style="list-style-type: none"> Kukhetha iincwadi ezibalisa ngeentsomi nezibalisa ngenyaniso kwaye axele kutheni ezithanda okanye engazithandi Kufunda nokuhlalutya iincwadi ezibhalwe ngababhali beenkcubeko ezahlukeneyo malunga neemeko ezahlukeneyo nolwalamano Kufunda izicatshulwa ezininzi ukuzonwabisa ezifana neemagazini namaphepha-ndaba Kwandisa isigama ngokusebenzisa isichazi-magama nokugcina isichazi-magama sakhe Kusebenzisa isalathiso, isiqulatho, amagama aphambili, izihloko, iintloko neenombolo zamaphepha ukufumana 	Mabatyelele amathala eencwadi, basebenzise izichazi-magama Mabakwazi ukujonga	Mabatyelele amathala eencwadi, basebenzise izichazi-magama Mabakwazi ukujonga	Mabatyelele amathala eencwadi, basebenzise izichazi-magama Mabakwazi ukujonga	Mabatyelele amathala eencwadi, basebenzise izichazi-magama Mabakwazi ukujonga

<p>ulwazi</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kudlala umdlalo wamagama athathwe ekufundeni, kwisigama, kulwazi nakubuchule ○ Kuchonga nokufumana imithombo yolwazi efana namalungu oluntu neencwadi zethala leencwadi ○ Kuqala ukhulalutya izicatshulwa zomlomo, ezibhaliweyo, nezibonwayo kukuxabiseka kwentlalo-nkubeko, kwiimbono nakwingqikelelo (umz: ukwazisa isepha engumgubo, ukuchaza ukuba yenzelwe bani, iindima ezidlalwa ngabafazi namadoda) 	<p>isalathiso, isiquathiso, amagama aphambili, izihloko njalo-njalo xa befuna ulwazi.</p>	<p>isalathiso, isiquathiso, amagama aphambili, izihloko njalo-njalo xa befuna ulwazi.</p>	<p>amagama aphambili, izihloko njalo-njalo xa befuna ulwazi.</p>	<p>isalathiso, isiquathiso, amagama aphambili, izihloko njalo-njalo xa befuna ulwazi.</p>
---	---	---	--	---

LO 4: UKUBHALA	TERM 1	TERM 2	TERM 3	TERM 4
<p>AS 1: Bhala ngokufundekayo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kubhala ngokukhululeka okukhulu nangesantya ngokuziqhelanisa ○ Kugqiba unsebenzi ngexesha omiselwe wona 	<p>Banikwa umhlathi omnye bawukhuphele ukuze bawugqibe ngexesha elisikiweyo FAT</p>	<p>Banikwa imihlathi emibini bayikhuphele ukuze bayigqibe ngexesha elisikiweyo FAT</p>	<p>Banikwa imihlathi emithathu bayikhuphele ukuze bayigqibe ngexesha elisikiweyo FAT</p>	<p>Banikwa ibali balikhuphele ukuze baligqibe ngexesha elisikiweyo FAT</p>
<p>AS 2:Sebenzisa ubuchule phambi kokuqalisa ukubhala ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kusebenzisa ubuchule bokwandulela ukubhala obahlukeneyo ekufuneni ulwazi aze akhethwe isihloko (umz: ukungqubanisa iintloko, ubhalo olukhululekileyo, ukuthetha nabalingane, imifanekiso ebonwayo) ○ Kuqalisa ukuqulunqa ukubhala 	<p>Banikwa isihloko baqokelele iingcinga ngaso ukuze babenako ukubhala ngeso sihloko.</p>	<p>Banikwa isihloko baqokelele iingcinga ngaso ukuze babenako ukubhala ngeso sihloko banike nezabo izimvo ngaso.</p>	<p>Banikwa isihloko baqokelele iingcinga ngaso ukuze babenako ukubhala ngeso sihloko ngokukhululekileyo, bathethe nabalingane ngaso nangemifanekiso yaso.</p>	<p>Banikwa isihloko baqokelele iingcinga ngaso ukuze babenako ukubhala ngeso sihloko de babhale nawabo amabali</p>
<p>AS 3: Yila umsebenzi ngokweenjongo ezahlukeneyo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kukhetha uhlobo lwesicatshulwa ukuze sihambelane nenjongo nabaphulaphuli (umz: ukubhala kwidayari novakalelo lwakho kwisiganeko) ○ Kubhala izicatshulwa ezifutshane ezikhethiweyo ngokweenjongo ezahlukeneyo (umz: umhlathi omnye okanye emibini yebali, izigxeko-ncomo zeencwadi, iiresiphi, iingxoxo, imiyalelo) ○ Kubhala isihloko esiphuhlisa umxholo apho kuyimfuneko 	<p>Banike iresiphi yokwenza ikeyiki,</p>	<p>Banike iiresiphi ukuze babhale umhlathi omnye nemibini ngenye yazo</p>	<p>Banike iiresiphi ukuze babhale imihlathi emithathu nemine ngenye yazo</p>	<p>Mababhale ngenkqubo yesikolo ukusukela kusasa ukuya ukuphuma kwaso</p>

<p>AS 4: Hlaziya umsebenzi ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kuxoxa ngobhalo lwakhe nolwabanye ukufumana okanye ukumika ingxelo ○ Kuhlala imibhalao yabo (ukushiya okanye ukongeza amagama ukucacisa intsingiselo, ukukhangela nokukorekisha upelo neziphumlisi) ○ Kuhlaziya umsebenzi wakho emva kokufumana ingxelo kwabanye 	<p>Mabaxoxe ngezinto abazibhalileyo ukuze babenako ukuzicacisa nokulungisa apho kuyimfuneko</p>	<p>Mabaxoxe ngezinto abazibhalileyo ukuze babenako ukuzicacisa nokulungisa apho kuyimfuneko</p>	<p>Mabaxoxe ngezinto abazibhalileyo ukuze babenako ukuzicacisa nokulungisa apho kuyimfuneko</p>	<p>Mabaxoxe ngezinto abazibhalileyo ukuze babenako ukuzicacisa nokulungisa apho kuyimfuneko</p>
<p>AS 5: Papasha imisebenzi ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kwabelana ngomsebenzi nabanye ngokufundela ngokuvakalayo nokwenza umboniso wokubhaliweyo eklasini ○ Kwabelana nabaphula-phuli ekujoliswe kubo kwenza iincwadi zabo okanye ingqokelela yeklasi 	<p>Babhala amabali nemibongo yabo ukuze bafundele utitshala, amaqela nabalingane babo, bewapapasha</p>	<p>Babhala amabali nemibongo yabo ukuze bafundele utitshala, amaqela nabalingane babo, bewapapasha</p>	<p>Babhala amabali nemibongo yabo ukuze bafundele utitshala, amaqela nabalingane babo, bewapapasha</p>	<p>Babhala amabali nemibongo yabo ukuze bafundele utitshala, amaqela nabalingane babo, bewapapasha. (Qokelela onke amabali abhalwe ngabafundi, wenze incwadana yamabali abo)</p>
<p>AS 6: Enza isigama aze azipelele amagama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kugugquququla isigama ngokuqhutywa ngumdlala neenjongo ezithile ○ Kwenza umfuniselo nokudlala ngamagama avela kumabali ekufundeni, kwizixhobo zosasazo, kwiziqhulo, kwintetho yabalingane nabanye ○ Kwenza ibhanki yamagama nesichazi-magama sakho ○ Kusebenzisa isichazi-magama ukukhangela upelo neentsingiselo zamagama ○ Kusebenzisa ulwazi lwezandi nemithetho yopelp ukubhala amagama angaqhelekanga 	<p>Bapela amagama amatsha asuka kumbongo ebebewufundile, bawabhale nakwizichazi-magama.</p>	<p>Bapela amagama ebesetyenziswe koqashi-qashi bawabhale nakwizichazi-magama.</p>	<p>Bapela amagama abawafumene kumaphephandaba nakwiincwadi ebebezifundile, bawabhale nakwizichazi-magama.</p>	<p>Bapela amagama abaweve kudliwano-ndlebe, kunomathotholo nakumabonakude, bawabhale nakwizichazi-magama.</p>

<p>AS 7: Sebenzisa izakhi zegrama nothungelwano lokubhala ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kuqala ukwahlula izivakalisi ngokwemihlathi ○ Kusebenzisa iziphumlisi ezifanelekileyo (umz: oonobumba abakhulu, izingxi, uphawu lombuzo, izikhuzo, iikoma, isimeli-nobumba) ○ Kusebenzisa izimbo zokubalisa ○ Kusebenzisa ezinye izakhiwo zezicatshulwa zolwazi ezifana nemifuniso ○ Kusebenzisa ulwazi lwegrama 	<p>Banikwa umhlathi ukuze bafakele oonobumba abakhulu, izingxi, uphawu lombuzo, izikhuzo, iikoma, isimeli-nobumba apho kuyimfuneko.</p>	<p>Banikwa umhlathi ukuze bafakele oonobumba abakhulu, izingxi, uphawu lombuzo, izikhuzo, iikoma, isimeli-nobumba apho kuyimfuneko.</p>	<p>Banikwa umhlathi ukuze bafakele oonobumba abakhulu, izingxi, uphawu lombuzo, izikhuzo, iikoma, isimeli-nobumba apho kuyimfuneko.</p>	<p>Banikwa umhlathi ukuze bafakele oonobumba abakhulu, izingxi, uphawu lombuzo, izikhuzo, iikoma, isimeli-nobumba apho kuyimfuneko.</p> <p>Basebenzisa izangotshe nezimbo zokubalisa .nolwazi lwegrama</p>
---	---	---	---	--

	TERM 1	TERM 2	TERM 3	TERM 4
LO 5: UKUCINGA NOKUQIQA				
AS 1: Sebenzisa ulwimi ukwandisa isigama ngo- <ul style="list-style-type: none"> o Kuqonda nokusebenzisa ulwimi lwengqiqo lweenkalo lwezifundo ezahlukeneyo ezifuneka kulo mgangatho 	Mabenze uphando, umz. “ukucoca amanzi”, “ ikholera”	Mabenze uphando olukhethileyo nolulungele lo mgangatho Mabaxoxe benze imifanekiso ngophando lwabo	Mabenze uphando olukhethileyo nolulungele lo mgangatho Mabaxoxe benze imifanekiso ngophando lwabo	Mabenze uphando olukhethileyo nolulungele lo mgangatho Mabaxoxe benze imifanekiso ngophando lwabo
AS 2: Sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqineni ngo- <ul style="list-style-type: none"> o Kuqonda nokusebenzisa ulwimi ekuqineni nakwingqiqo, umz: kwintsusa nesiphumo, ekwenzeni izigqibo 	Mabachaze banike isiphelo sophando okanye ibali besebenzisa ingcinga ephezulu ukubonakalisa iimfano neyantlukwano.	Mabachaze banike isiphelo sophando okanye ibali besebenzisa ingcinga ephezulu ukubonakalisa iimfano neyantlukwano.	Mabachaze banike isiphelo sophando okanye ibali besebenzisa ingcinga ephezulu ukubonakalisa iimfano neyantlukwano.	Mabachaze banike isiphelo sophando okanye ibali besebenzisa ingcinga ephezulu ukubonakalisa iimfano neyantlukwano.
AS 3: Sebenzisa ukucinga okukwinqanaba eliphezulu nolwimi olubandanyeka kuzo, umzekelo: <ul style="list-style-type: none"> o Inginga ethatyathwa njengenyano (ndicinga ukuba inga;) o Kusebenzisa ulwimi ukuchaza iimfano neyantlukwano, ukuhlalutya, ukuthelekisa nokuchasanisa ulwazi 	Banike amanyathelo athatyathwayo xa kuzakwenziwa umsebenzi	Banike amanyathelo athatyathwayo xa kuzakwenziwa umsebenzi	Banike amanyathelo athatyathwayo xa kuzakwenziwa umsebenzi	Banike amanyathelo athatyathwayo xa kuzakwenziwa umsebenzi
AS 4: Sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononogeni ngo-				

<ul style="list-style-type: none"> ○ Kubuza imibuzo nokufuna ingcaciso, unika izisombululo nokucebisa ezinye iindlela zokusombulula (ukuba ndenza le nto, ngoku....., singazama.....) 	<p style="text-align: center;">√</p>	<p style="text-align: center;">√</p>	<p style="text-align: center;">√</p>	<p style="text-align: center;">√</p>
<p>AS 5: Enza uphando olulula ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kubuza imibuzo enokubanceda ukuxela umsebenzi nokufuna ulwazi abalufunayo (sifuna ukwazi ntoni, ukwenza, ukufumana, luza kufumaneka phi ulwazi?) ○ Kuqulunqa amanqanaba omsebenzi ukuze kwabelwane ngomsebenzi(umz: kuza kwenziwa ntoni?, ngubani oza kwenza okuthile?) ○ Kusebenzisa ubuchule ukufumana ulwazi ngo: <ul style="list-style-type: none"> ➢ Kubuza imibuzo esemxholweni ➢ Kwenza udlwano-ndlebe nephepha lemibuzo ➢ Kufuna ulwazi kwithala leencwadi (uncedwa ngumntu omdala okanye umfundi omdala) ○ Kuxhasa ucacise ingxoxo ngokunika izizathu nobungqina ○ Kushwankathela ulwazi uze ulwazise ngokufanelekileyo nangomdla 	<p style="text-align: center;">√</p>			
<p>AS 6: Lungisa ulwazi ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kurekodisha nokucwangcisa ulwazi ngeendlela ezahlukeneyo ○ Khetha ulwazi nokuthatha amanqaku ○ Kwenza iimephu zengqondo ○ Kwacha izintlu, imizobo, iitshati neeflowu-tshati ○ Kulandelelanisa ulwazi nokulubek phantsi kwezihloko ○ Kusebenzisa ulwimi ukuchaza imfano neeyantlukwano ukuhlalutya, ukuthelekisa nokuchasanisa ulwazi 	<p>Yenza uluhlu lwezinto umz. uluhlu lweencwadi, grosari. FAT</p>	<p>Yenza ithabhile okanye idayagram umz. eyeenkolo, eyezinxibo nokutya FAT</p>	<p>Yenza imephu yengqondo, umz. Imbangi yeziphumo zokumka kombane, yokunqaba kwamanzi. FAT</p>	<p>Yenza itshati ebonisa iimfano neeyantlukwano FAT</p>

LO 6: UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI	TERM 1	TERM 2	TERM 3	TERM 4
<p>AS 1: Nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kusebenzisa izandi, nokupela amagama anzinyana 	<p>Khumbuza izandi ezifundwe kwibanga elingaphambili</p> <p>FAT</p>	<p>Gxininisa kwizandi ezifundwa kweli banga (jonga kwitshati yezandi kule ncwadi ngasemva)</p> <p>FAT</p>	<p>Gxininisa kwizandi ezifundwa kweli banga (jonga kwitshati yezandi kule ncwadi ngasemva)</p> <p>FAT</p>	<p>Gxininisa kwizandi ezifundwa kweli banga (jonga kwitshati yezandi kule ncwadi ngasemva)</p> <p>FAT</p>
<p>AS 2: Sebenza ngamagama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kusebenzisa eminye imithetho yopelo ukupela amagama ○ Kusebenzisa iintlobo zemithombo ukukhangela upelo ○ Kusebenzisa izimaphambili nezimamva ukwakha amagama ○ Kuchonga izichasi nezifanokuthi 		<p>Bakha amagama ukuze babonakalise isimamva nesimaphambili umz. <u>injana, isitulo</u></p> <p>FAT</p>	<p>Bakha amagama ukuze babonakalise isimamva nesimaphambili umz. <u>injana, isitulo</u></p> <p>FAT</p>	<p>Banikwa umhlathi ukuze bachonge izichasi nezifanokuthi.</p>
<p>AS 3: Sebenza ngezivakalisi ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> ○ Kuchonga intloko, isenzi nenjongosenzi kwisivakalisi ○ Kusebenzisa uvumelwano olufanelekileyo lwentloko nenjongosenzi ○ Kusebenzisa izihlanganisi ezivakalisa intsusa nesiphumo, umz: andimthandi kuba uyonqena ○ Kusebenzisa iintlobo zezicatshulwa ezahlukeneyo ○ Kuchonga nokusebenzisa izibizo, izichazi, izenzi, izimelabizo (mna, yena) nezihlomelo ezichanekileyo ○ Kusebenzisa ixesha eladlulayo nelizayo ngokuchanekileyo ○ Kusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo (isimeli-nobumba umz: umntwan'am, uphawu lwesikhuzo) 	<p>Banikwa izivakalisi ukuze bachonge intloko isenzi nenjongo senzi kwizivakalisi.</p> <p>FAT</p>	<p>Badibanisa izivakalisi ngokusebenzisa izihlanganisi</p>	<p>Badibanisa izivakalisi ngokusebenzisa izihlanganisi</p> <p>FAT</p>	<p>Banikwa izivakalisi ukuze bachonge intloko isenzi nenjongo senzi kwizivakalisi.</p> <p>FAT</p>
	<p>Bafunda ukwenza izivakalisi ezikwixesha elizayo neladlulayo.</p>	<p>Bafunda ukwenza izivakalisi ezikwixesha elizayo neladlulayo.</p>	<p>Nxulumanisa nesiphumo sesifundo 4, umgangatho wokuhlola 7.2</p>	<p>Nxulumanisa nesiphumo sesifundo 4, umgangatho wokuhlola 7</p>

	FAT	FAT	FAT	FAT	FAT
<p>AS 4: Sebenza ngezicatshulwa ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> o Kudibanisa izivakalisi ukwenza imihlathi aze agcine ukungaguqu-guquki ekusetyenzisweni kwexesha 	Banike izivakalisi bazidibanise bakhe imihlathi emibini. FAT	Banike izivakalisi bazidibanise bakhe imihlathi emithathu	Banike izivakalisi bazidibanise bakhe imihlathi	Banike izivakalisi bazidibanise bakhe imihlathi	Banike izivakalisi bazidibanise bakhe ibali. FAT
<p>AS 5: Sebenzisa ulwimi kwintsebenziswano ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> o Kusebenzisa ulwimi lwentlalo oluvakalisa imbeko(ukuxolisa) 	√	√	√	√	√
<p>AS 6: Phuhlisa ingqiqo yolwimi enzulu ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> o Kuphonononga indlela iklasi esebenzisa ngayo intetho engaphucukanga, kwaye ithethwa nabani? Ngeziphiiinjongo? 	√	√	√	√	√

ASSESSMENT PROGRAMME

FOUNDATION PHASE

EDUCATOR:		LEARNING PROGRAMME: LITERACY			GRADE: 3	YEAR: 2008
TERM	ONE	TWO	THREE	FOUR		
TASK ONE	<i>FOCUS</i>					
	<i>LA ; LO ; AS</i>					
	<i>ACTIVITIES</i>					
TASK TWO	<i>FOCUS</i>					
	<i>LA ; LO ; AS</i>					
	<i>ACTIVITIES</i>					
TASK THREE	<i>FOCUS</i>					
	<i>LA ; LO ; AS</i>					
	<i>ACTIVITIES</i>					
TASK FOUR	<i>FOCUS</i>					
	<i>LA ; LO ; AS</i>					
	<i>ACTIVITIES</i>					

FAT TASK EXEMPLAR ISIXHOSA HL GRADE 3

ATTAINMENT TASK 1

TERM 4

ISIPHUMO SESIFUNDO SOKUQALA(PF1)
UMGANGATHO WOKUHLOLA GH 4 AND GH 5

PF 1: GH 1

Mamela ngolonwabo amabali amfutshane, imibongo iingoma kunye nezinye izicatshulwa zomlomo babanise ingqiqo ngo-

- Kumamela isihloko okanye ingcinga engundoqo
- Kumamela iinkcukacha
- Kuqikelela okunokwenzeka
- Kwazisa ukulandelelana kweziganeko/iingcinga kwisicatshulwa somlomo
- Kuvakalisa uvakalelo malunga nesicatshulwa somlomo/imiyalezo
- Kuphendula imibuzo malunga nesicatshulwa somlomo
- Kuzoba umfanekiso ukucacisa ingqiqo yebali/ sicutshulwa somlomo, abhale amabali/ izicatshulwa ngamazwi ache

PF 2: GH 5

Thatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi neyeqela ngo-

- Kuqalisa isihloko kwingxoxo yeqela
- Kunikana amathuba, nokubuza imibuzo esemxholweni
- Kucebisa okanye andisa iingcinga
- Kubonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye
- Kushwankathela umsebenzi weqela

UMSEBENZI

- Fundela abafundi ibali/umbongo okanye isicatshulwa
UMZ: Ibali lehagu eyayingafuni ukungena esangweni/ Umhobe ngesifo Ugawulayo
- Yalela abafundi ngokwamaqela ukuba baqambe isihloko abaza kuxoxa ngaso eqeleni labo UMZ:
-imini yomgidi
-ingxaki yongcoliseko lwendawo esihlala kuyo
-imini yethoko lokuzalwa kwam (Qaphela ngokweenkolo abanye abantwana bangangathathi nxaxheba, mabenze esabo isihloko)

INKQUBO YOVAVANYO ENOKUSETYENZISWA
UMSEBENZI WOKUQALA

Kulo msebenzi, utishala angayisebenzisa iRubriki eyenziwe ngolu hlobo-

AMAGAMA	Ukumamela enika ingcinga engundoqo	Ukumamela inkcukacha	Ukulandelelanisa iziganeko	Ukuphendula imibuzo	Ukuzoba umfanekiso ocacisa ingqiqo yebali	Ukushwankathe la ibali

**ISISHWANKATHELO SOHLOLO / SOVAVANYO GRADE 3
ULWIMI LWENKOBÉ**

IKOTA YOKUQALA			
UMSEBENZI 1	UMSEBENZI 2	UMSEBENZI 3	UMSEBENZI 4
IKOTA YESIBINI			
UMSEBENZI 1	UMSEBENZI 2	UMSEBENZI 3	UMSEBENZI 4

IKOTA YESITHATHU			
UMSEBENZI 1	UMSEBENZI 2	UMSEBENZI 3	UMSEBENZI 4
IKOTA YESINE			
UMSEBENZI 1	UMSEBENZI 2	UMSEBENZI 3	UMSEBENZI 4

**LEARNER ATTAINMENT TARGETS
GRADE R-3**

ISIXHOSA HOME LANGUAGE

IZANDI EMAZIFUNDWE ZEBANGA 3

GRADE 3

(Hlaziya zonke izandi zakwa Grade 2)

Ngcw, ngqw, ngxw, nkew, nkqw, nkxw, ntshw,

Tyh, ntsh, ndlw, ndyw, ntlw, ntyw,

ths, tshw, tsh, ntsw

Dyw, nyw